

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

April 2021 Edition 2



**NPA
tackling
GBVF**

Page 6



**New fund
to assist
black
farmers**

Page 11

Vaccination programme rolls on



■ President Cyril Ramaphosa with Simphiwe Ntombela, who is the Production Manager at the Aspen Pharmacare sterile manufacturing facility in the Eastern Cape.

South Africa's Coronavirus Disease (COVID-19) vaccination programme is making good progress, with the second phase expected to start soon.

During a recent address to the nation, President Cyril Ramaphosa said Phase 2 of the programme is scheduled to start in mid-May, with registration expected to take place in April.

"Under Phase 2, we hope to vaccinate more of our people over six months," said the President.

In line with international best practice, in Phase 2 government will prioritise those at the highest risk of hospitalisation and death, such as people over 60 and people living with co-morbidities.

"To ensure that we have supporting infrastructure over 2 000 vaccination sites have

been identified across the country.

"These include general practitioners' rooms, community clinics and pharmacies, retail outlets and in some instances, larger facilities like stadiums and conference centres," he said.

Electronic Vaccination Data System

Government has established an Electronic Vaccination Data System to manage the vaccine rollout and direct people towards vaccination sites closest to where they live.

"This system will allow you to register, receive an appointment date and site, and receive a digital certificate or a hard copy confirming your vaccination status once vaccinated.

"Everyone that will be vaccinated will have to be registered on the system first, and you will be invited to register once you become eligible," the President said.

Government will work with provincial and district structures and community-based organisations to register those citizens who do not have access to technology.

"We are developing mechanisms to identify and register

Cont. page 2



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US

Website: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za

Vuk'uzenzele
 @VukuzenzeleNews
Email: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083

FREE COPY NOT FOR SALE



Amakholwa abalulekile kwidabi lokulwa ne- COVID-19

Kutshanje unini 1wabantu bezenkolo base-Mzantsi Afrika baye bazi-bandakanya nabanye abantu kwihiabathi jikelele kwimibhi-yozo ebalulekileyo yezenkolo. Amalungu enkolo yama-Juda abhiyozele i-Pesach, amaKristu abhiyozela iPasika kwaye amaSi-lamsi kungekudala azakubhiyozela inyanga engcwele ye-Ramadan.

Ukuza kutsho kunyaka wesibini, le misitho iye yaqatshelwa phakathi kobhubhane wehlabathi otshabalalisayo othe wahamba nobomi babantu abangaphezulu kwezigidi eziyi-2.5 kwihiabathi jikelele.

Imibutho esekwe kwinkolo iye yabaluleka ekuphendu- leni kwesizwe kwesi sifo, inganeli nje ukunika intuthu-zelo kunye nokuhokelwa ngokwasemoyeni, kodwa nangokukhathalela abo basemngciphekweni kwizi-phumo zobhubhane, kuquka ukunikezelwa kokutya, indawo yokuhlala kunye nezinye iinkonzo zentlalo.

Inkolo idlala indima eba-lulekileyo kubomi bezigidi zabantu baseMzantsi Afrika, kwaye ukukhonza kwamabandla kuyinxalenye eba-lulekileyo yenkolo yabo.

Ukubanakho ukuba neendibano zeenkonzo zenkolo kuwakukuphumla okwamkelekileyo ukusuka kwixeha lobunzima obukhulu



kubantu, iintsapho kunye noluntu. Kuyaqondakala ukuba emva konyaka wokusebenza phantsi kwezithintelo zeendibano zenkolo uku- ba uluntu lwezenkolo lufuna ukubuyela kwi-meko yalo yesiqhelo.

Ekuqwalaselweni kokubaluleka kokukhonza kwamabandla kubomi babantu bethu, urhulumente ebesoloko ethetha-thethana namabandla.

Linkokheli zamabandla zi- yayiqonda kwaye ziyayazi lengozi yokwenyani yexesha elitsha losuleleko olugqithi-sileyo lwe-COVID-19. Uku- sukela oko kwaqhambuka ubhubhane, imibutho ye- zenkolo ithathe amanya-thelo afanelekileyo na-ncomekayo ukunqanda ukusasazeka kwesi sifo phakathi kwabakhonzi.

Enye into ebalulekileyo ku- kuba kwixeha lamanqana- ba okulumkisa ahlukeneyo, imibutho yezenkolo ilahle- kelwe yimali einzi kakhulu ethe yanesigrogriso kwi-

sakhono sokuhlangabezana neemfuno zayo. Njengorhulumente sihlala sizinikele ekusebenzisaneni nama- bandla ukufumana izisombululo ezisebenzisekayo.

Kwangaxesha-nye, impilo

yoluntu kunye nokhu-

seleko kufuneka zibe

yeyona nto ethathelwa

ingqalelo ephambili kuthi.

Amabandla abonakalise

utshintsho kunye neqhi-

nga lokukhonza ngexesha

apho bekukho ukungaqi-

niseki okukhulu malunga

nomkhondo wobhubhane.

Iinkonzo zamabandla

zaziqhutywa nge-inta-

nethi kwaye abakho-

nzi bakhuthazwa ukuba

bathandaze emakha-

yen'i abo endaweni yo-

kuzimasa iinkonzo.

Oku kuncede kakhulu

iinzame zesizwe zokunqa-

nda ukusasazeka kwesi sifo.

Iinkokheli zakalizwi

zidlale indima ebalule-

kileyo ekukhuthazeni

ukubambelela koluntu

kumanyathelo ezempilo

angqonge ukuhlala ukumgama

kunyenokusebenzisa isibulali

ntsholongwane. Izigidi za-

bemi boMzantsi Afrika be-

ziqwelasela inkolelo eba-

lulekileyo yokholo lwabo.

the zenkcubeko ezibaluleki- leyo ezifana nemingcwabo. Ngokomlinganiselo oli- nganayo, abantu bethu babonakalise ukuzinikela kwabo ekubambeleleni kwizicwangciso-nkqubo ze- zempilo zoluntu nasekugci- nweni komgama ekuhlaleni. Kwaye bayayiqonda ngo- kuchanekileyo into yokuba kufuneka baqhubeke uku- phepha iindibano ezinkulu.

Ngoku sikwixesa aphi ukul- lumka kufuneka ngapehczulu kwako konke. Ubhubhane weNtsholongwane ye-Corona awupheliswanga, nokuba kukwilizwe lethu okanye kwihiabathi jikelele. Isi-

grogriso setyeli lesithathu

losuleleko olugqithisileyo

siyinyani kwaye sihlala si-

khona. Amava ehlabathi

asifundisile ukuba akufu-

neki ukuba senze izinto ezi-

nomngcipheko okanye ezino-

bungozi. Amazwe amaninzi

aye azinyenyisa izithintelo,

yaye yavuka kwakhona

intsholongwane, nto leyo

inyanzelise ukumiselwa

kwezithintelo ezingqongqo.

Iindibano ezinkulu, nokuba

zezenkolo okanye zingenye

indlela, zinako ukusasaza

ntsholongwane, nangona

kukho ukusetyenziswa

kwamanyathelo angqo-

nge ukuhlala ukumgama

kunyenokusebenzisa isibulali

ntsholongwane. Izigidi za-

bemi boMzantsi Afrika be-

ziqwelasela inkolelo eba-

lulekileyo yokholo lwabo.

Kwilizwe eligcina ilungelo lenkululeko yenkolo, kufu-neka kwensiwe konke oku-semandleni ukuxhasa abantu bethu ekusebenziseni eli lungelo. Kwaye ekusebenziseni eli lungelo, kufuneka siqini-sekise ukuba asibeki amalu-ngelo okanye ubomi babanye abantu emngciphekweni.

Le yinkubo endithe ndafu-mana kuyo inkxaso kunye nokuxatyiswa okupheleleyo zinkokheli zakalizwi endi-the ndadibana nazo. Zi- aluqonda uxanduva lwab- antu bonke bokholo - ngenene bonke abemi boMzantsi Afri- ka – baqwalasela amanya-thelo asebenzayo akhoyo okukhusela impilo yabantu kunye nokusindisa ubomi.

Ngaphezulu konyaka, siye sasebenzisana njengo luntu ukugcina lo bhubhane phantsi kolawulo. Ngoku nje- ngoko sisebenzela ukumo- yisa, kufuneka siqinisekise ngokuzimisela kokwabelana kwethu ukuba senza ngoxa- nduva nangokulumkileyo.

Ngokwenza njalo, siyaku- be sinikezela ngesiphumo esisebenzayo kwimiyalezo yehlabathi yethembu, usi- ndiso, inkululeko kunye no- bumbano ekuya kuthethwa ngazo ezicaweni, kwizakhi- wo zokukhonza, kwiitempile zamaSilamsi nakumakhaya omhlaba wethu kwiintsuku nakwiiveki ezizayo.❶

Isicwangciso seenkukhu sisenzo esinesakhono kakhulu kumafama engingqi

Ushishino lweenkukhu kunye namaqanda eMzantsi Afrika luyakhula ngenxa yeSicwangciso seShishini leeNkukhu.

Ngetuba uBeverly Mhlabane ethatha uhambo esiya kuthenga amaqanda evenkileni, wayengazi ukuba ngelaxesha abuyela ngalo ekhaya kuyakuthi kuphume ingcinga yeshishini lakhe eliyimpumelelo. "Ngenye imini ndaya evenkileni ukuyakuthenga amaqanda ndafika amaqanda ebiza kakhulu ngoko ke ndaggiba kwelokuba mandithenge iinkukhu ezili-10 ezibeka amaqanda ukuze sifumana amaqanda asendlwini," utshilo. Inkukhu ibeka iqanda qho kwiyyure ezingama-26, into ethetha ukuba uMhlabane uza kufumana umndili wamaqanda asibhozo okanye alithoba ngemini.

Kwiinyanga ezimbini kamva, waqala ukuthengisa amaqanda kubamelwane. Oku kukhokelele ekubeni aguqule igaraji yakhe ibe yindlu yorhwebelwano lweenkukhu. Ngelo xesha wayenaso nesitiya semifuno esingasemva kwendlu. UMhlabane, owayesaku ba yinjineli, wayesoloko enezicwangciso zokushiya ushishino ukuze aqale ishishini lakhe lezindlu. Ngowama-2014, ethuben emva kokufumana iinkukhu zakhe, wathenga iihekture ezimbini zomhlaba eBenoni, eRhawutini, ngenjongo yokwakha iindawo zokuhlala.

Nangona kunjalo, akakwazanga ukuqhube ka nesicwangciso sakhe kuba umhlaba wawumiselwe use-tyenziso lwezolimo. Wagqiba kwelokuba andise ishishini lakhe lokufuya elincinane.

Inkubo ende
Ukunqongophala kwezi bonelelo ezifana nokubiya, a matanki amanzi kunye nombane kuthe-



■ UBeverly Mhlabane
ngumini onebhongo we-
Zapa Farm.

tha ukuba waqala nje ukusebenzisa umhlabanoga-2016.

Lo mama oneminya-ka engama-49 ukhumbula kakuhle ngedlela awayeqhele ukukhangela ngayo ku-Google ukwenza uphando kwezolimo.

Ukufunda kwakhe kubenomvuso kwaye namhlanje, ungumini onebhongo we-Zapa Farm, ishishini lezolimo lorhwebo elinempumelelo. Uqhubele phambili ukusuka ekusebenziseni iihekture zakhe zomhlaba ezimbini ukuyakutsho kulwandiso lwemveliso yakhe yamaqanda kunye nokukhulisa isipinatshi, i-kale (uhlobo oluthile lwekhaphetshu), ipepile eluhlaza kunye neetumata, awayezithengisa ekhuhlaleni, de ekugqibeleni wafaka iitona la ezimbini zemifuno, walima iihekture eziyi-1.5 kwaye wakha

izindlu zokubeka amaqanda ezingumthamo ongama-5 000- kunye nama-2 000. Ifama ithumela kwiindawo zokutyela ezine zase-Wimpy, i-Pick n Pay, kwhotele ye-Holiday Inn nakwiivenkile ze-spaza zasekuhlaleni, phakathi kwezinye.

"Nangona kunjalo, sinonqongophalo njengoko izinto zethu ezifunwayo zingaphezulu kwamandla ethu, kwaye, ngenxa yoko, sifumana amaqanda kwabanye e abavelisi bengngqi. Sinovavanyo lwefuthe lokusingqongileyo oluvunyiwego lwee-nkukhu e zibeka amaqanda ezingama-120 000 kwaye ke ngoko sifuna imali eyinkunzi yokwandisa," utshilo.

ISICWANGCISO SE SHISHINI LEE NKUKHU

UMhlabane wance-dwa ukuba ngumfama onempumelelo. Ungomnye wabalimi abasakhasayo

abaninzi abaxhamlayo kuXwebhu lweSicwangciso

IweXesha elide lweeNkukhu, olwaveliswa ngurhulumente kunye nabachaphazelekayo kushishino, kuquka abavelisi beenkukhu, amafama, abenzi bemveliso, abathengisi bama-zwe angaphandle, abangenis elizweni kunye nabasebenzi abalungelelanisiwego. Sityikitywe ngowama-2019, esi sicwangciso sijolise ekukhuliseni imisebenzi kolu shishino ngamanyathe-lo aliqela azakwaziswa kule minyaka imbalwa izayo. Kwakungenxa yesicwangciso apho uMbutho wee-Nkukhu waseMzantsi Afrika (i-SAPA) wahlawulela ilayisensi yokusebenzisa amanzi ka-Mhlabane kwaye wamnika uqequesho lokovelisa amaqanda.

INKXASO YAMAFAMA

Umphathi Jikelele we-SA-PA u-Izaak Breitenbach uthi ushishino lutyale izigidi ekusahseni amafama antsundu

nokukhulisa imveliso yeenkukhunge-5%. Kwiinyanga nje ezili-12, abalimi abalimela ukuthengisa besivumelwano abantsundu abali-13 baye basekwa kwaye imisebenzi engama-960 iye yaveliswa.

"Ishishini lityale izigi-di ezingama-R870 ukudala iimarike zabalimi abalimela ukuthengisa besivumelwano abantsundu abangama-50 kunyenokuqu-zelela ukuthunye-lwa kwemveliso kumazwe angaphandle ukuvelisa imisebenzi yasekhaya. Ushishino lwenzile kana-njalo kwaye lahlawulela izifundo zeshishini kumafama antsundu ali-19 akwinkqubo kunye neSebe lezoLimo, uHlaziyo loMhlaba noPhuhliso Iwamapha ndle," utshilo.

Amafama antsundu angamashumi amane azimeleyo nawo anikwa iingcebiso kunye noqequesho olunxulumene neenkukhu.

"Eli shishini likwanawo uvimba weenkukacha zamafama asakhasayo, aphakathi namancinane (i-SMME) angama-670 esiwancedisayo ngeenkukacha ezifanelekileyo," utshilo. Ukongeza, i-SAPA yenze ukuba kufumaneke incwadi ukuze ifundise amafama ngemveliso yokufuya iinkukhukunyenokuphuhlisa izicwangciso zamashishini abo.

Abavelisi beenkukhu bazinikile kutyalo-mali olutsha oluyi-R1.5 yeebhiliyon kumaziko abo emveliso kule minyaka mine izayo, ekufuneka ivelise eminye imisebenzi engama-4 000. Eli shishini liza kutyala kananjalo iibhiliyon eziyi-R1.7 ekusekweni kwamafama esivumelwano sorhwebo angama-50. Olu tyalo-mali luza kuxhawa lushishino naziarhente zikarhulumntezahlukeneyo.❶

Umthombo Wolwazi:
SAnews.gov.za

Ngeekcukacha ezithe vetshe,
qhagamshelana ne-SAPA kule nombolo:
011 795 9920.